



Eli bali lingogqirha wase Mzantsi Afrika ogama
linguBongani Mawethu Mayosi.


Wayeyinzululwazi eyenza ufumaniso
olubalulekileyo ngesifo sentliziyo.



UBongani wazalwa ngo1967 eMthatha eMpuma Koloni,
eMzantsi Afrika.

Wafunda esikolweni kwilali iNgqamakhwe.


Umama kaBongani wayengumongikazi, utata wakhe
wayengugqirha.



Ekupheleni kwemini yonke imihla, abazali bakaBongani babedla ngokuthetha ngomsebenzi wabo.

Wabanomdla kwiingxaki zempilo, nokunceda abantu.


Ngokuva ngomsebenzi wabazali bakhe, uBongani waba nomdla kwiNzululwazi yezeMpilo.



Esikolweni uBongani wayezithanda izifunda zakhe zeziBalo nezeNzululwazi yeZempilo.


Wayesebenza nzima kwezo zifundo kuba wayefuna ukuba ngugqirha.

Emva kokugqiba amabanga akhe aphezulu esikolweni, wafunda kwiDyunivesithi yaKwaZulu-Natal neyase Kapa. Waba ngumfundi ogqwesileyo.



Ngenxa yobukrelekrele bakhe, uBongani wachongwa. Wafumana inkxasomali yokuqhubekela ngemfundo kwiDyunivesithi iOxford eNgilani. Wafunda naseMelika.

Wabuyela eMzantsi Afrika wasebenza njengogqirha. Hayi madoda! UMayosi wayengugqirha onobubele nothobekileyo, kananjalo wayebathanda kakhulu abantu.



Kuthe kungekudala uBongani watyelela phesheya kwakhona.

Wayefuna ukufunda ngakumbi malunga nentliziyo.

IKhadiyoloji zizifundo zentliziyo, kwakunye nezifo ezithi zihlasele intliziyo. UBongani wayeyiKhadiyolojist – ugqirha wentliziyo.




UGqr. Mayosi wayesebenza nabanye abaphandi baphesheya, kwaye bafumanisa into eyayibaluleke kakhulu.

Aba baphandi bafumanisa ukuba kutheni abanye abantu besiba nesifo sentliziyo nje. Oku bakufumanisayo kwakubalulekile koogqirha emhlabeni wonke jikelele.



UBongani wabuyela eMzantsi Afrika nolwazi lweengcali kwezonyango. Wasebenza noMphathiswa wezempilo waza wanika neengcebiso ngeengxaki zempilo zelizwe.

Iphupha likaBongani yayilelokuba izwekazi iAfrika, malikwazi ukusombulula iingxaki zempilo ngokusebenzisa iNzululwazi.



Wayezithembile njengeSazinzulu saseAfrika. Uphando
awalufumanisayo lwalulolubalulekileyo kwihlabathi lonke.
UMzantsi Afrika wabhiyozela umsebenzi kwanempumelelo
yakhe.


Ngenxa yokuzinikela nokuphanda nzulu kwezeNzululwazi,
wafumana iwonga eliphakamileyo lelizwe, ekuthiwa
nguMyalelo weMaphungubwe.



UBongani wayenguNjingalwazi kwicandelo leNtliziyo kwiDyunivesithi yaseKapa (UCT).

Kwimfundiso zakhe wayesabelana ngolwazi lwakhe kubafundi bakhe.

Wayeqonda iingxaki zabafundi abaninzi. Wabakhuthaza oogqirha abaselula nabanye ababesafundela iNzululwazi kwezeMpilo.



UNjingalwazi uMayosi waphinda wonyuselwa njengeNtloko yeNzululwazi yezeMpilo kwiDyunivesithi yaseKapa (eUCT).

Wayesoloko exakekile ngomsebenzi wakhe.
Wayengutitshala, umphandi kwanenkokeli.

UBongani Mayosi ukhunjulwa njengesibonelo ngabantu abaninzi.



Inkwenkwana esuka ezilalini nakumaxethuka
aseNgqamakhwe, yaba yinkokeli kwiNzululwazi yezeMpilo
kwenye yeeDyunivesithi eziphakamileyo eMzantsi Afrika.

Waba yincutshe yezeNzululwazi kwezeMpilo kwihlabathi
jikelele. UBongani uphumelele izinto ezininzi ebomini
ingakumbi imfundo, kodwa wayesoloko ethobekile.



Xa sifunda ngezeNzululwazi, singacinga ngoGqr. Mayosi.

Singayibhiyozela impumelelo yakhe kwanaleyo yeZazinzulu ezininzi zaseAfrika.

Kwaye singabhiyozela nexabiso lolwazi lwaseAfrika.



—Imibuzo

1. Ngubani obalisa eli bali? Lingabani eli bali?
2. Waqala nini uBongani ukuba nomdla kwezeMpilo nezeNzululwazi, kwaye kwakutheni?
3. Yintoni 'ikhadiyoloji'? Yintoni 'ikhadiyolojisti'?
4. Ziyintoni "iZazinzulu kwezeMpilo"? Fumanisa ngokubanzi ngomsebenzi owenziwa kwiNzululwazi yezeMpilo.
5. NjengeSazinzulu kwezeMpilo nengcali yeNtliziyo, walunceda njani uluntu jikelele uBongani?
6. Khawufumanise ngezinye ezintathi iZazinzulu zaseAfrika.
7. Loluphi uhlobo lwengxaki zoluntu enithi nithethe ngazo kumakhaya enu?
8. Chaza ukuba imfundo yakho ingakuncedisa njani ukusombulula ezinye zezi ngxaki ekuhlaleni.



—Iincwadi ezikolu luhlu

- UAndile Mji
- UAsnath Mahapa
- UBongani Mawethu Mayosi
- UCharlotte Maxeke
- UMmantsane Moche Diale
- UMulalo Doyoyo
- UTebello Nyokong
- UTshilidzi Marwala



Eli bali liqulunqwe kwaye libhalwe ngesiXhosa,
njenge nxalenye yeZenex Ulwazi Lwethu yezixhobo
zokufunda yeprosjekthi ka 2020.